IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, APRIL 20, 1885. [No. 25.

Iveki.

IJAJI iyaknteta amatyala e-Bayi ngolweei- Ne 23 April, ibeke igqibile okwesisiqingata sonyaka.

KUTIWA inani elikuln lamakonxwa lizaku- behle limiselwe e-Kapa ukwaka indonga zo- kukuse'.a lomzi kwitnfazwe ezingati zibeko ngolwandle.

SIGQIBELE uknva ngeveki edluleyo sebe- mashumi mabini anantatu kubantu bakwa Mabandla asebe bube ngenxa yengqakaqa.

AMANENE amhlope amabini ango Hallack no Girdlestone anduluke e-Bayi ngo 23 March esinga e-Kapa ekwele kwivile apa sa- zeke bake bazikwele Abelungu, kutiwa zi *Bicycles,* afika e-Kapa ngo 10 April. Ake abanjezelwa zindlela ezitnbi.

OKO beke kwatiwa uyagula u-Mqikela, inkosi yama Mpondo ngoku kuvakala ukuba ubupila.

KUTIWA ngoku bekungeko nyaniso kunteto apa yokuba u-Mr. Osborne ongamehlo ka Rulutneni kwa Zulu, umerne An a » u ama 200 ukuba aye kumohlwayela unyana ka Sirayo u-Mehlokazulu ngokusuke atimbe impahla kulomzi ka Mr. Osborne.

E-BAYI, nge Cawa engapaya kubanjwe umfo abati ngn Pye ngokusuke aqaue nge- mela u-Mr. Boleston u,mpati venkile e-Russel Road, ate xayena u-Pye agqobozela endlwini- ni ukuya kupanga wafumana unminindlu eko. Upateke nzima kakubi u-Mr. Roleston.

IMVULA ezinkulu zisand' ukuna kwizitili ezingase Kapa.

U-DAVID SOLOMON ulindiselwe ijaji yitna- ntyi yase Prince Albert, kwelase Bolani, ngokusuka ahlahle umntu ng?zetnbe.

TSITILI sase Tinara kutiwa ngoku sikulu- '.ekile kwingqakaqa ebike yabikwa kuso.

KUBAFUNDISI abantsimdu base Wesile abaye kwingqungqutela ese Tekwini e-Natal ngo Rev. Ebenezer Magaba, wase Rini, no Rev. David Msikinya, wakwa Marela, abayele uku- bekwa izandla yilontlanganiso inkulu. Si- kolwa ukuba o Rev. Jonas Goduka (Kotnani), no Rev. Makhobotloane (Monti) nabo benje- njeya kwangalomicimbi.

IZITALI zika Rev. Henry Kayser, e-Hankey zitshe tu ngumlilo nge Cawa engapaya kwa- kunye namahashe amatatu, nenqwelana erailenze mine, nesali nentambo zamahashe ekari, nento eninzi yehabile namashumi ama- bini engxowa zengqolowa.

INGQAKAQA ebike yabikwa e-Dauwa ngase Lukalweni Iwe Debe ibize nomritu owaye- vela e-Regu kwa Kama. Umzi lowo ufudu- selwe esiqikini eso yongelwa kuso e-Xesi kwa Mfiki.

KUSATENJISIWE ukuba uza knceduluIwa umcimbi wokudutyulwa ngengozi kuka James Nyanga ngu Mr. Miles Rowker e-Tye- nera ngase Somerset.

AMADODA amatatu asuke e-Xesi kutsha nje aya e-Nyara ahliwe yingqakaqa kwita. ma ka Kulute (Cloete). Asebekwe nxatnnye.

U-PLAATYI no May amakwenkwe amabini alindiselwe ijaji yimantyi yase Kofani ngokusuka abeke amatye endleleni kaloliwe absngamwisayo.

IQELA lempi yakwa Qoboqobo elikwishumi linandatu lifunyenwe emantla alomfulana unetekeni fentla kwama Esile) ngolwesi-Bini, kanti ishutni eliva ngamntu mnye lonke liyafa yingqakaqa. Igqugula elipete lomzi libabuyisele kwisiqiki sengqakaqa kwa Qo- boqobo apo. Abantu abo bati balambile.

KWAMNKELWE imali ekwi £63 kulandawo kwakusenzelwa kuyo umdlalo ngo Mgqibelo opambi kodluleyo. Bedibene bonke ababo- neli ingangabom bebengafikanga ku 2000.

AMAJONI akwezi balakisi zase Qonce anduluke ngo Mvulo ukuya kncita iholide e-Monti. Obaveki mbini kwelo.

ISTPANI esasivela pesheya kwe Nciba sa. funyanwa sinenkabi ezihliwe ngu manzabomvu ngolwesi-Ne Iweveki engapaya. Savalelwa ndaweni itile ngapandle komzi. Akukabiko sezihliwe kwakona kuzo.

AKUNGANGANQWELO ezikoyo kulomzi ezifuna iflara. Kufumareka kodwa zinqabe kakubi ezinye zigoduka zingazifumananga. Amaxabiso okuxoma ehle um'mangaliso.

EKUQALENI kwalonyaka kwatunyelwa umtandazo kwi Nkosazana ngamawaka amabini abantu base Natal wokuba lonke ilizwe lakwa Zulu libe pantsi kwayo. Ipakati eli- kulu u-Lord Derby utembise ukuba umcimbi lowo uyakuqwalaselwa lulaulo Iwa Pesheya.

UQWITELA oloyikekayo lubeko kwisiqiti sase Madagascar ngo 24 no 25 lo February kwapuka inqanawa ezinkulu zama French kwako nabatshona el wand le.

UMTSHAKA udutyulwe ngengozi kwingqina ebise Alexandria County e-Natal ngo Mgqi- belo 11 April udlulileyo.

INTLANGANISO ezinkulu zisand' ukwenziwa e-Dayimani nase Rini zibulela inqubo ka General Warren kwela Bahlambeli, kwane Nkosazana ngokutumela imikosi ya Pesheya.

IMVULA ike yana apa e-Qonce ngolwesi-Ne olugqitileyo.

IJONI abati ngu MacKenzie e-Kapa lizidu- bule entloko nge Cawa edluleyo kwizindlu zawo.

IPEPA lase Monti liti kuyatshilwa zintuli kumaqaba aiomandla.

AMAJAMANI ngoku angene ekutengeni ifama ezinkulu. Elinye liyitenge nge £1000, elinye nge £12,000 ngase Monti.

KWA Qoboqobo kunconywa ukuba mahle kwamatapile. Into engumbona yona ayisakuvunwa. Yonke into ekangelelwe ukulu- nga ebusika isakangeleka, oku kubangwa zezimvula zimana ukubako.

SIVA ukuba umanz' abomvu usatyikitya pesheya kwe Nciba. Impi yakona incoma ukungabiko kwemfuyo yenkomo eti yaku- ngenelwe sesisifo umniniyo asale ebalihlwe- mpu.

U-SAMUEL MOROKO usese Lusutu.

ENQANAWENI ekutiwa ngu Mtata ebise Te- kwini e-Natal ibali loboya liwele umntu omnyama wafa kamsinyane emva koko.

NGE Cawa engapaya kwedlulileyo e-Natal umfazi we Kuli untywilisele abantwana bake ababini kwicibi ekutiwa lelase Mbilo e-Natal. Uti ubengxamele ukuba naye atshone kodwa icibi belingenzulu ngokwaneleyo.

U MR. W. B. CHALMERS beke kwatiwa makaseleqiniselwa kwindawo yobumantyi obukulu base Kokstad, kodwa akavuma. Sivuya kuba esiza apa.

INTLANZI enkulu (shark) ibanjwe e-Zwaartkop e-Bayi nge Cawa edluleyo.

ABACULI beramente yase Rabe e-Bayi be-benobusuku bomvnmo ngolwesi-Bini oludluleyo bepetwe ngu Mr. Paul Xiniwe.

INKOSI u-Libenya usand' nkwenza utyelelelo Iwentsuku ezintatu e-Barkly East.

KWAKULOMZI wase Barkly indoda etile entsundu yayihleli pambili enqweleui, yawa imilenze yaqabela pezu kwentloko kwapela.

U REV. Mr. ELLINGHAM wase Ngqushwa : ufunyenwe enetyala lokulieta ipo. . lisa, wadliwa £10, mblaumbi inyanga ezintatu entolongwetii.

KUKO inteto e-Natal yokuba u-Mr. F. B. Fyntiey umiselwe kwindawo yokongamek? imfundo yabantsundn kulo koloni.

EMA Mpondweni kuvulwe izibnko elitsha lenqauawa ekutiwa yi Grosvenor. Amatshawe elo aye kulivu'a ngu Umhlangazo Faku no Cetywayo unyana ka Mqikela.

ABANTU base Kokstad abavutwa sisenzo salo Rulumente wase Kapa ogqibe kweloku. ba abute irafu ngayo yonke impahla eza kulomzi ivela e-Natal.

U-TAMANA Umpondo usand' ukubulawa nga Maxesibe apantsi ko Rulumeni. U-Ru- lumeni uhlauliswe isizi ngu Mqikela senko- mo ezimasbumi matatu sezisiwe ngu Captain O'Connor, umantyi wase Mzimkulu.

KUFE inkabi ezimbini ngapezulu kweziya zibekwe nxatnnye ngenxa yokuba kufunye- nwe umanz' abomvu pakati kwazo.

LE Konferens ise Natal namhla yonga- nyelwe ngu Rev- Richard Ridgill wuse Kapa, umbali micimbi ikwangu Rev. Robert Lamplough.

INDABA ezifike zivela Pesheya no Stemele oyi Moor zize kuti ga ngolwa 26 lo March, zibika ulungiselelo Iwemfazwe pakati kwe England ne Russia, nakuba incwadi eyayiya kupelisa inteto yayingekapendulwa e-Russia.

KUSAND' ukubako idabi elishushu pakati kwa Mangesi nama Arab e-Soudan. Ipiko lomkosi elipetwe ngu Sir John McNeill lifunyenwe ngama Arab aku 4000. Oyiswa noko, kutiwa kufe kuwo amadoda ali 1500. Kubulewe inkamela ikakulu ku Mangesi.

AMA Arab kuvakala ukuba azimisele ukuIwa kude kube sekufeni.

AKUKO ndaba zityulu kwela Bahlambeli. U-General Warren usalungisa imicimbi yolaulo Iwase Stellaland nganeno kwelika Montsiwa.

INGQAKAQA ibikwa kwifama ka Pringle esesitilini ease Nyara ekufupi kodwa kwesa- se Somerset.

IFANDESI elikulu liyakuba se Dhone ngase Cumakala ngolwesi-Ne oluzayo (23 April).

U-MR. ROACH obengumongameli we ofisi yeposi kulomzi wabelwe ekongameleni iposi no cingo e Rafu.

KUKO inteto yokuba izakubehle ibenye imantyi enkulu yalo lonke elipesheya kwe Nciba elibandakanya o Mitata noma Adamkok nela Mfengu.

IHABILE inqabe ngangokuba ingabinakufn- nyanwa e-Mtata.

AMAMFENGU akwa Mabandla kuvakala aya-yifihla ingqakaqa—eyona ntoke eyakuyibanga ukuba ingapeli.

KUBUYE kwehliwa umfazi yingqakaqa kwifama ka Amos e-Tyume. Lowa ubenayo ngapambili namhla nfile.

KUMDLALO webola ngo Mgqibelo ongapaya pakati kwa Mansresi ase Bofolo nekaba eli- ntsundu lase Heald Town. Idliwe i-Heald Town, kumangeno oknqala i-Bofolo lenze 58, kwawesibini 59; i-Nxukwebe 62, awesi- bini 32. Amangesi ati ukubola nokunqanda ibola kwabantsundu kugqite oko bake bakufumana ngelixesha. Impi entsundu isilelelwa ekubeteni ibola.

EZTMVULA zinile koma Bofolo noma Komani.

" MONEY does everything for a man," said an old gentleman, pompously. " Yes," re. plied the other one, " but money won't do as much for a man as some men will do for ! money."

A STORY is going the rounds of 'a Georgia man who broke his neck with a sneeze." It isn't supposed to be true, but it is used as a warning. A well aUthenticated account of the man who broke his neck with a snore [1] would be much more useful.

UMANYANO LWABA NTSUNDU.

SATI mhla sabika intlanganiso eyayimiselwe ukuba se Tyume ukucinga, ngemfaneleko yokuba kwenziwe intlanganiso emiyo, eyakusekwa pezu kokutobela INKOSAZANA, sayakalisa ukuba ingegqibe nto mhlaimbi ungati urnsebenzi wayo gqitywe kwezinye intlanganiso ezingalandelayo. Enye yezintlanganiso ibeko pantsi kwe Ntaba-ka-Ndoda ngolu lwesi-Bini ludluleyo, lo 14 April, apo kwakuhlanganisene abantu bendawo ngendawo ezimgama. Zakukova ukuxoxwa ngenyameko enkulu ezindawo kuvunjlwene ngazo :

I. Lentlanganiso inga ingabala epepeni intobelo nokuzinikela kwayo kwi NKOSAZANA.

II. Lentlanganiso ingakukalisa inkoliseko enkulu yayo zindawo ajonge zona u-Sir C. WARREN kwela Bahlambeli, noxoliseko Iwayo yindlela aquba ngayo ukucedulula amapepa abo abangabapangi bemihlaba yabantu abantsundu.

III. Lentlanganiso ivakalisa umoya wayo oshushu wokunga INKOSAZANA ingatabatela kuyo ilaule ngokwayo yonke imizi yabantsundu epesheya kwe Nciba ; kuba ukulauIwa kwayo yi Palamente engenazwi kuyo kuvelisa inkatazo, yabe ne Koloni, okwangoku ingena kuyikusela kubapangi bemihlaba yabantsundu abangati bavuke.

IV. Intlanganiso kwakona iku-mbula impato elukuni eviwe ngaba-mnyama oko kwati kwangena olulaulo lungu gungxuka-ndinyuke, ingavuya ukuba Ikoloni inoku'buyiselwa kolo yabikulo ngapambili, icelake ulaulo lwa Pesheya ukuba luyicinge lendawo.

V. Lentlanganiso njengokuba ivile ngemizamo ete qo yo Mhlekazi i-Bulunele u-Right Hon. Sir HERCULES ROBINSON ukumela imfanelo yabantsundu bela Bahlambeli, nokumela kwake imfanelo nokupatwa ngokobuntu kwake wonke omnyama, ibala umbulelo wayo ku Mhlekazi okwalipakati elinewonga, nokumtemba kwayo ekupateni kwake eli le NKOSAZANA lise mazantsi e-Afrika.

VI. Lentlanganiso iqukumbela ngelokuba ezizigqibo zitunyelwe ku Mhlekazi i-Ruluneli nesicelo esi-oekekdeyo sokuba zitunyelwe kwi pakati elikulu le NKOSAZANA elipatiswe Ikoloni.

Kokwetu ukucinga akuko nto ingummangaliso kwezinteto ezivakalisa umpunga wabantu bonke belilizwe ngokubekisele kwingxoxo ngengxoxo ezibacukumisayo. Isigqibo esibekiselele ku Gungxukandinyuke (olu lauio lukoyo) singakangeleka ngokungati sisesigwenxa nihlaumbi sesingenakufezwa. Okwenene oku kubonisiwe entlanganisweni. Kodwa uhlobo loncekelelo ate amadoda amakulu ayimela lendawo lubonisa ukungakolwa kwawo ngaba bebebapete oko lati elilizwe lanikelwa igunya lokuzipata. Kunganelisa mhlaimbi ukukangela isizatu esibange ukuba benjenje. sinokufunyanwa kulanteto iti isiziba siviwa ngodondolo;" ekotike nokuba abayifumani eyona nto bayifunayo, babe bona bewuvakalisile umnqweno wabo. Eyetu inkolo bangati ababantu bakowetu befundisiwe indlela olusetyenzwa ngayo olu laulo sinalo, babe bavane nalo abantu bakowetu, balutande kanjako.

Kuko nezinye izigqibo ekufikwe kuzo entlanganisweni. Esinye sesokuba kubalelwe ko Nobala be Bandla la Mangesi elise Kapa ukuze kuti ukuba kunokwenzeka kumiswe kwabantsundu intlanganiso yolohlobo yokuzama ntlalo pantsi kwe NKOSAZANA. Kunokwenzeka ukuba izimiselo zentlanganiso levo yase Kapa zingamnkelwa xa ziguquIwe kwindawana ezitile ngamawetu-bezingaguqulwa ngokukodwa kwi-ndawo ebikiselele ekuxoxeni nento zelilizwe ezinxwenywayo lelo Bandla libotwe lise Kapa labantsundu kuyafuneka bazene nento zase epalamente ukuze babe nokuyihla-mbulula kwezonto zityekele ukupo-gomela INKOSAZANA. Esinye isigqibo sesokuba zonke ezizigqibo

zitunyelwe kwimizi emikulu yabantsundu kunye nesicelo sokuba nayo yenze intlanganiso zokuzixoxa zizitumele njengemvo zazo kwase Kapa. Oku kwenzelwa ukuyakwenza ubunzima kwela Mangesi. Siyatemba amawetu kwezinye indawo ayakukwenza oko.

Lupawu oluble sibona tina ukuba umzi wakowetu uzinikele ekuxoxeni izinto zase sikweni, ubonise umnqweno wokunxulumisa nokuka- nya ukuhamba kwawo. Yeyona nto ibonisayo ukuba sizama uxolo, nokuba awako lamayelenqe kumana kusitiwa siyawazama okugxotela elwandle umlungu—into layoke ebonisa ukuba elilizwe linokuqubela pambili ngapandle koloyiko Wonkeke olitandayo elilizwe uyaku- watakazelela lamanyatelo awakutaze.

ITYALA LIKA PELZER.

BAPATISWA mteto be NKOSAZANA kule Koloni bayakuqonda ukuba baposisa ukutelekelela umoya wa Mangesi ukuba banokwenza ukuba isikalo selogazi lomntu umnyama. wabulawa kufupi ne Bekesdorp basipelise ngokuti bangasitumeli pambi kwe Jaji. Inyaniso ezabonakala kuqala kwi *Cape Mercury,* zibanelisile nabangafundiswanga mteto, ukuba elityala ngelalitunyelwe kwi jaji. Kodwa kutiwa ngendawo yokuba olu laulo lupeteyo luxaswe nga Mabulu alunakugweba kakuhle kwindawo ebanga ubuhlungu kwelocala. Into ekoyoke ye-yokuba abantu bafuna kwenziwe imfanelo, abafuni mpindezelo, ba- nyanzela isipola kumpatiswa wamatyala ukuba avakalise izizatu ezimbange ukuba lomcimbi angawubekisi kwijaji mhlaumbi abuye aliyeke litetwe ityala elo. Amapepa angacingi ngokufanayo kwimicimbi exoxw'ayo imihla ngemihla anjengala—elase Qonce, *Cape Mercury,* ne *Journal,* elase Rini, ne *Advertiser,* elase Monti, ne *Advertiser,* elase Nyara, ne *Advertiser,* elase Rafu, adibene ukumbongoza u-Rulumeni ukuba ahlambe abantu belilizwe ubungcwalisa babo bubekwe kuye, ngokupelisa ukurana kokuba ukubulawa komntu okumdaka kunokwenziwa kwelilizwe aze urnbulali
angohlwaywa. Njengokuba lento selimi ngoluhlobo nje makukunjulwe ukuba ayisayikupelela kulendawo ikuyo, kodwa imiyalelo elukuni inokuvela na Pesheya kolwandle inyanzele abapati apa, lontoke iyakusitoba emehlweni oluntu. Kufanelekile ke ukuba abantu belilizwe bangavumi ukuba nesabelo kulentobeko. U-Rev. J. D. DON, umfundis. wase Rabe walapa ebala ngalomcimbi wosizi, yabe incwadi yake ifanele iviwe ngokubanzi, uti:—

NKOSI,—Ndayifunda ngosizi inteto ye *Cape Mercury* ngeveki ezidlulileyo ngetyala lika PELZER, eyayikoliswe ngokutatyatwa kwincwadi zamatyala zakomkulu. Kwabamhlope kulonteto, manditi U-PELZER wavuma ngokwake, ukuba ubulele umntu ngokumda. ka; wonke umntu ocingayo makabe wabona
ukuba wabefanele ukusiwa pambi komgwebi. Kubonakala kodwa ukuba lomntu usahamba pandle ngenkululeko, u-Rulumeni akavumanga ukumsa pambi kwejaji.

Inteto zepepa lako zazizezohlobo lokuba u.Rulumeni wayefanele ukuzikangela, oku ikuti cwaka abe uyavuma ubunyauiso bazo. Seloko ndilindile ukuba koda kuvele incazo mhlaimbi inteto etetelelayo esisenzo se Rulumeni, njengokuba kwakufanele ukuba yenje-injalo, ukuba wabengazitetelelayo; kodwa akuveli nto. Kubonakalake ukuba manditi noko intliziyo ingavumiyo inteto yako iyinyaniso, abapati betu bate ngenxa yokusekeleza ukuxaswa nga Mabulu abawuhambisa Umteto. Kuqinisekile ukuba ibingumntu
omhlope lo ubuleweyo, urnbulali ubengasakuyekwa lingeviwanga ityala lake mhlaumbi engohlwaywanga. Ukuba mhlaimbi lento abite yenzeka kwesisitili umapuli-mteto ngepambi kwamatyala. Kodwa kumandla wa-Bekesdorp ukuba i-Bulu lidubula umntu
omnyatna elotyala maliyeketiswe, u-Rulumeni makale ukwenza imfanelo yake, zekudutywe bonke abantu.

Bendilindile ukuba ekubonakaleni kwenteto yako, onke amapepa oti akubona kungeko mpendulo amnyanzele u-Rulumeni ukuba akuguqule oko akwenzileyo, kodwa ambalwa amapepa ayisabelayo lento. Manditi akuko into indenzakalise njengoludukiso lungelulo olobuntu mayelana nomcimbi omkulu ka-mgaka.

Kuookwenzeka na ukuba ibe lento iyakubangela kwisituba ekuso ? Akusakuba Benziwa mhlaimbi satetwa ntona ? U-Rulumeni woyekwana enze into ebuhlazo enjena ngokuti angazifezi imfanelo zake, enzakalise into eninzi yabantu eugamfanyekiswe kukwahluka kwebala nakusekeleza ukuxa.

swa ? Nokuba inyaniso bezingamgwebi njengokuba zisenjenjalo u.PELZER, yena ngokwake ukuba ungumbulali, ubefanelwe kupatwa njengomnye—apendule pambi kwejaji ne juri pambi kolnntu, kunokuba umcimbi wake ugqitywe ligqweta elikulu e-Rini umhlaimbi e-Kapa, ngasese. Imfanelo ayisakwaneliswa nayintoni engapantsi kwale, ndiyatemba nabantu abasakwaneliswa nto.

Andinguye nowalipina icala ; anditeni nento zolaulo ; andizanga ndaba se Bekesdorp; andibazi abantu bakona, ndingazanga ndivento ngo PELZER ngapambili. Kodwa ndingomnye wabantu abingatwala ihlazo ngesituba senzenzo zo Rulumeni wabo, nomfundisi wengqoboko engacaluli bala, luhlanga neqela ; sindalela isazelo sam ukuba nditi cwaka kwesisono.

" Wenze ntonina ? Igazi lomzalwana wako liyalilela ngakum emhlabeni." Igazi lalomntu ulusizi lilila pambi kwezulu, ulilileli mbulali yedwa kodwa u-Rulumeni owalileyo ukuba liviwe ityala lake, nesizwe esivumelana nento exinjalo. Okwesam isiqu andivumelani nokutwala ityala lesisenzo. Ukuhlambulula isazelo sam ndivakalisa mhlope incaso yesi senzo egameni lika Tixo, lesiko, lemfanelo, nokuzola.

Ndisicaka esitobekileyo sako
JOHN D. DON.

Kwindlu Yabafundisi,
E-Qonce, 11 April 1885.

Impawana.

Ndiyaqonda ukuba akuko luswazi buhlungu kubantu bakowetu abangavumiyo ukuhlaulela amapepa abo njengokuba ebanjwe xa bengahlauliyo. Abanye abahlobo bam bebesebekalele besiti abasakubasalitabata boyiswa bunandi (batsho) bepepa. Ndiyavuya ukuti sebebuye bangena. Omnye umzalwana ulila kuba engatunyelwanga ipetshana yedwa lokumkumbuza ukuba ixesha lifikile. Lomhlobo, kakade, akakolwa, akaneliswa kwakona sisaziso esingaba siyafakwa epepeni. Omnye umzalwana ukulele kwapela. Manditi mhlope lemali ibizwa ngelipepa incinane kanye yenziwe ngabom ukubanjalo ukuze irolwe ngabo bonke, irolwe ngexesha ukuze incede. Ongayiroliyo ngexesha—oko kukuti kwangapambili makazi ukuba ayiyifezi indawo yayo yokuhlaula abashicileli, abasebenzi, namapepa nezitampu. Xa bonke beyakuhlaula emva kwexesha wohamba nganina umsebenzi. Mawangalwi amatu ngokubanjwa kwamapepa. Sikumbuzo kodwa.

Kuko inkolo yokuba ezityalikeni intshumayelo zintlobo mbini. Ziko ezihambisa umxolo welizwi zona ezingaze kazekani nezenzo zabantu—ezi zishunyayelwa ku Mangesi; ezo zizekazekana nezenzo zabantu nentlalo yabo ezindlwini napandle zezimele abantsundu. Isizatu sokubanje—esona—ndisive ndoyiseka mna ngomnye wamadyakana akowewetu, ote yena akasoze ashumayele ezi kutiwa zipendla ilizwi intshumayelo kwabantsundu kuba izenzo zabo zonke zihamba pandle kanti eza Mangesi azibonakali. Yiyo lonto lenjiwanje ilizwi. Mabafihle izono abo bazenzayo nentshumayelo azikudlaesiqwini kubo. Kunjanike?

***

Bangake bandicebise na abantu bakowetu ngeyonanto iyakuba luncedo ukupelisa isiko apa elindihlanzisa nokwezolo mna? Nditeta eli likwintsapo vakowetu lokuti xa uhamba ngendlela umane ucelwa"umlilo," "uncazwa" zezizilekehlana. " Ondip'umlilo! " Ubekiswe kum ndikwele ehasheni ngaleveki idluleyo, ndapantsa ndawa isiduli ngumsiudo ofaneleyo. Obuye watsho kum ndiyeva ukuba ndiya----------oh, mandiyeke. Lento kodwa mayipeliswe. Ilisiko elibi. Intsapo mayiyalwe emakaya. Yintsapo yamaqaba kakade le yenza oku. Yeyonake esenokuxeshwa ipatelwe intswazi kungabiko nto.

***

Lomtandazo kutiwa ubalwe li Bulu elite mawenziwe kuzo zonke iramente zawo ekupeleni kwezinkonzo: "Sipe ufefe lokuba sibone ingozi esibeka kuzo ngenxa velikwele lobuhlanga linengozi. Njengokuba Inkosi inye, inkolo inye ubaptizo lulunye, emnye u-Tixo u-Bawo wetu sonke, ngamana Amangesi na Mabulu antlizivo 'nye nampefumlo 'mnye ukufuna uxolo, ubuhlobo notando, ze bande Ubukumnkani bako nentsikelelo yamazantsi e-Africa."

Ndifumana ukuba inxenye yempi yakowetu eya kwi Konferens ifikile e-Natal. Le nditeta ngayo ifike e-Tekwini ngo- inkombe oyi *Danube* ngo April 9. Ama- gama atikileyo avakaliswa kwipepa eli- kulu lase Durban ayakuxaka abalesi. Enjiwenje—*Rev. J. Monyantsi,*—eli lisa- lungisiwe; *Rev. Pawld*—loke ngu Rev. C. Pamla ; *Captain Feltman*—lisalungile; *Captain Theodore*—lo ngu Mr. Theodore Ndwandwa, mna ndimgqibele engekabi- viyo i Kapteni ; *Rev. Miskruiza*—lo ngu Rev. D. Msikinya ungu Miss Kruiza namhla; *Captain J. Pamla*—ukuba u- Jimmy Pamla selaba yi Kapteni na; Asazi kambe nokuba nguye. Oku sikufumana Awi *Natal Mercury.*

***

Umhlobo ose Bayi unditumela ipepa lalomzi elinengxelo yetyala lalankosikazi kwaka kwatiwa kwakwelipepa yemka nento eninzi yemali za Matshaka ase Ba- yi awaveyenze i-Banzi. Lentokazi ngu Mrs. Cathrine Titterton. Olulwabici be- lupambi komantyi wase Bayi ngolwesi- Hlanu olungapaya, Awaviwa amangqina amane awati ayengenise imali ezikwiponti ezilishumi nangamashumi mabi, kodwa awazange azifumane. Lamadoda amenza i-Banki kuba amfumana ekwazi ukuteta Isixosa! Ingesikazi limelwe ngu Mr. O'Brein. abamnyama ngu Mr. Brown. Ityala lisabekiswe kwigqweta le Nkosazana.

Indaba eseke ndaziva ngalentlanganiso yabafundisi base Wesile ise Natal zezokuba kuyakubako inguqulo ezininzi kubafundisi abamhlope; noko anditsho ukuba akungebi njalo kwabantsundu. Sebeke babiwa ngoluhlobo:—u-Rev. James Fish (ose Rini) wabelwa e-Kapa, u-Rev. C. Pettman (ose Tinara) no Rev. George Golightly (ose Kapa) babelwe e-Durban, e-Natal; u-Rev. T. A ChalAer (ose Verulem, Natal) wabelwe e-Bayi; u-Rev. W. Wynne (ose Durban) wabelwe e-Kimber- ley ; u-Rev. W. Sargeant wabelwe e-Tinara.

***

NgxatshoAe, maledi ;! Lento intombi ifanele ukufundiswa kakulu. Imfundo yawo iluncedo kumadoda nakwintsapo ngendlela ezininzi. Sezimbini ingquva zamadoda afundisiweyo pofu, ebesingazi kankanya ngamagama zaziwe luninzi, zi- ngena kule ofisi ye *Mvo* zisiti zifuna ama- gama azo engeniswe epepeni. Mna, " Be- nipina ixesha eli lonke ? " " Besingalikatalele." Mna " Sizukulwana ndini senyoka. nivuswe yintonina ngoku?" " Ndi- xaliswe yinkosikazi isuke iti iyalifuna ipe- pa. Kube kwehlani yena ' ipepa le *Mvo* ngelixelile.' Umfazi undidinisile, andifumani kupumla." Siyazincoma ezintokazi zilwela ukukanya azamana nokukubeka pantsi kwetafile amadoda awo. Lamadodana omabini asand' ukutshata. Ilizwi lomtshakazi asinto iwa pantsi kakade. Bananina abafazana bakowetu bakwenjenje bonke?

***

Udatyana eke ndaluva Awakona ngehambiso yentlanganiso ese Natal yama Wesile lolokuba indawo ka Rev. W. Sargeant e-Xesi iyakutatyatwa ngu Rev. E. J. Barrett, ose Kamastone, eyake ngu Rev. H. B. Warner, ose Tsomo, ze eyake ngu Rev. Joseph Start, obese Bensonvale e- Gqili, eyake ngu Rev. G. E. Waterhouse. U-Rev. II. Cotton, ose Bekesdorp uya e- Salem, u-Rev. W. S. Caldecott, uya e-Be- Aesdorp. U-Rev. J. Metcalf uzela Amangesi esi sitili sase Qonce uyakuhlala e-MAangiso. U-Rev. J. P. Back, obelapa e- Qonce uya e-Verulam, Natal, u-Rev. T. A. Chalker obelapo uya e-Bayi, u-Rev. W. H. Price uyawela.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI

E-BOFOLO (April 17).

Ikalika, 2/ to 2/6 ngenxowa
Amaqanda, D3 to 2/3 ngedazini
inkuni, 13/ to 1G/9 ngeflara
Ibotolo, 1/4 t<> 2/3 ngeponti
lhabile, 4/ to 4/6 ngekulu

E-MTATA (April 15).

Ibotolo, 2/ to 2/7 ngeponti
Amaqanda, 1/9 to 2/2 ngedazini
Jcnba la Mxosa, 4d ngeponti
Itapile, 6/ to 12/ ngenxowa
Ihabile, 2d to 4d ngesitungu
Inkuni, 19/ to 25/ ngeflara
Umbona, 18/6 ngenxowa
Ikalika, 4/3 to 5/ ngenxow a
Amahashe, 52/ lukabi, 40/

E.QONCE (April 18.)

Inkuni, 13/ to 21/ ngeflara
do. ezioandiweyo, 5/6to 12/6 ngeflara
Ihal.ile, 4/5 to 6/6 ngekulu
Itapile (ezintsha) 12/9 to 14/3 ngekulu
Do. (ezindala) 3/ to 12/9 ngekulu
Umbona, 12/6 ngekulu
Umgubo, 14/3 to 15/9 ngekulu
Do. (ongasefwanga) 10/9 ngekulu
Irasi, 8/ to 9/ ngekulu
Imbotyi, 19/6 ngekulu
Ibotolo, 1/9 to 2/4 ngeponti

E.MONTI (April 17).

Amaqanda, 1/7 to 2/3 ngedazini
Ibotolo. 2/ to 2/11 ngeponti
Ibran, 6/ ngenxowa
Itapile, 5/ to 8/6 ngekulu
Umbona, 10/ to 10/3 ngekulu
lhabile, 4/6 to 4/9 ngekulu
Inkuni, 5/ to 16/6 ngeflara

E-RINI (April 17).

Ibotolo, 1/6 to 2/9 ngeponti
Irasi, 11/6 to 13/6 ngenxowa
Ibran, 7/ ngenxowa
Amaqanda, 1/9 to 2/ ngedazini
lhabile, 4/2 to 5/6 ngekulu
Ikalika, 1/6 ngenxowa
Umgubo, 22/ to 25/ ngenxowa
Umbona, 23/ to 24/ ngenxowa
Itapile, 6/6 to 14/6 ngenxowa
Inkuni, 20/ to 30/ ngeflara

Ezababaleli.

INCAZO.

Mngqesha, April 13th, 1885.

NKOSI MHLELI,—Ndiyakucela ngoku tobekileyo ukuba uke undifakele lamazwana kwelopepa lako lidume kunene. Kuko ndawana indiqwetayo, eman' ukubonakala kwipepa lase Lovedale. Mandenjenje ndisingisa ku Mhleli we *Sigidimi Samaxosa.* Ndiyaluva ugweleqo, nemitshontshi yenteto ze *Sigidimi*; uditelekelela ukuba ezonteto zindululwe yindawo endayimisa kwintlanganiso yase Debe vo Manyano Ngemfundo, ndike ndacinga ukuba nditalalise ndinge andiziva ezonteto. Kodwa kute ngokupinda-pindwa kwezonteto kwabonakala ukuba mandizinqandele ihlahla namhla nokuya ndingayi kungxuta mandla inani, ndiyakuti nqanamfu kodwa ndiyeke. Inteto leyo ye sigidimi ipantse ukundihlunamisa ndakubona ukukutalelwa kwayo ngabaniniyo ngokuyijoka kumapepa alandeleleneyo, kwelika March nakwelika April. Indawo mna endayimisayo yayiyile :—

" Ekubeni kubonakala ukuba izikola zabafundisi (Mission Schools) ziwe nganeno kwindawo ezibe zifanele ukuba yiyo, lixesha elifanelekileyo ngoku ukuba zinikelwe ku Rulumente mpela."

Ndaye ndibangwa zezindawo:—Akuko bani ukanyelayo ukuba lomsebenzi wemfundo asingowabafundisi kwelilizwe lakowetu. Pezu koko kwangena u-Rulumente wancedisa kwezizikolo.zabafundisi, Iwaye oloncedo lwake lumi ngendawo ezitile kupela emazifezwe ngabo bancediswayo ezinjengezi:—

I. Kubeko inani elitile losapo elongena kwisikolo eso.

II. Abazali ngecala labo bayirole imalana yokuxasa i Teacher.

III. Kubeko indlu yesikolo efanelekileyo, kwakunye neyomfundisi wosapo.

IV. Imfundo yosapo ibe yekolisileyo ku Rulumente. Ezike yinxalenye yendawo ezifunwa ngu Rulumente pambi kokuba alunike uncedo lwake. Wonke ke umfundisi osukuba ecela uncedo luka Rulumente sabe tembisa okokuba zonke ezondawo zofezwa. Umbuzo wam ke

Native Opinion

NATIVE ASSOCIATION.

WHEN, a few weeks ago, we gave publicity to the meeting of Natives at Tyume to take into consideration the advisability of forming something in the nature of a League, the most prominent feature of which would be a pledge of loyal devotion to the QUEEN, we also stated that subsequent gatherings would take place to enter into the real business in view. Such a gathering took place at the foot of Ntaba-ka-Ndoda on Tuesday last, the 14th April, and was thoroughly of a representative character. After full and careful consideration and discussion, the following resolutions were passed unanimously:—

1. This meeting desires to record its continued loyalty and devotion to Her Majesty the Queen

2. This meeting wishes to express its un.-qualified satisfaction with the objects of the mission of Sir Charles Warren in Bechuanaland, and its admiration for the fearless manner in which he has set about examining the claims of those who must be considered as robbers of the lands of the natives until they prove themselves otherwise.

3. This meeting expresses its strong opinion in favour of the Imperial Government taking over and administering as a Crown Colony all the native territories beyond the Cape Colony; as the anomaly
